Mnikazi-polisi **Obekekileyo**

**Udluliselo lwepolisi ye-inshorensi ukusuka eLion of Africa Life Assurance Company Limited ukuya e-Emerald Life Proprietary Limited**

Nceda uqaphele ukuba ipolisi yakho ene-inshorensi yaseLion of Africa Life Assurance Company Limited ("**iLion Life**"), iza kudluliselwa e-Emerald Life Proprietary Limited ("**iEmerald Life**") kwakuba kuvunyiwe oko liGunya elijongene noLawulo lwamaZiko eMali neeNkampani ze-Inshorensi ("**iPrudential Authority**").

Sifuna ukukuqinisekisa ukuba zonke iinzuzo kunye nomrhumo wakho ngaphantsi kwale polisi ziya kuhlala zifana nqwa kwaye yonke imigaqo nemimiselo ayisayi kutshintsha. Ukudluliselwa kwepolisi yakho kuya kuzenzekela kwaye akudingeki ukuba unikeze imvume yoku kudluliselwa. Kodwa ke, ukuba ngaba ufuna ukwenza naziphi na iziphakamiso ngokunxulumene nodluliselo, ungakwenza oko njengoko kuchaziwe kuxwebhu olufakwe apha lingekapheli ixesha elichazwe apho kulo.

Ukuba ngaba unayo nayiphi imibuzo, nceda uqhagamshelane ne-Emerald Life ku-0861 666 333 okanye uye ku-www.emeraldlife.co.za kungenjalo qhagamshelana neLion Life ku- 021 461 8233 okanye uye ku- www.lionlife.co.za ukufumana ulwazi olungaphezulu.

Nceda ufunde **uxwebhu leMibuzo Ebuzwa Rhoqo** olufakwe apha **njengeSihlomelo 1** ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu malunga:

- Nenkqubo ekufanele ilandelwe ngaphambi kokuba lwenzeke udluliselo;
- Nalapho ungaya kuwabona khona amanye amaxwebhu anxulumene nodluliselo; kunye
- Nokuba ungaqhagamshelana nabani na ukuba ngaba unemibuzo.

Ngeminqweno Emihle

Lion Life